Stellenbosch
UNIVERSITY
IYUNIVESITHI
UNIVERSITEIT

**Isaziso emva kwezikhukula kwikhampasi yaseStellenbosch**

Boogxa bam ababekekileyo nabafundi

Emva kokuna kweemvula ezimandla kwiphondo iNtshona Koloni liphela ngempelaveki, iYunivesithi yaseStellenbosch (iSU) iye yafumana izantyalantyala zemvula kwiindawo ezithile zekhampasi yaseStellenbosch, kubandakanywa neThala leeNceadi laseSU, amacandelo eZiko laBafundi iNeelsie, kunye nenani elivisayo leendawo zokuhlala zabafundi.

IYunivesithi ingathanda ukukuqinisekisa ukuba le meko ilawulwa ngokupheleleyo, kunye namaqela eempendulo akhethiweyo asuka kuPhuhliso lweKhampasi, iziBonelelo neeNkonzo (iCDIS) afakwe ngokukhawuleza kwiyunivesithi. Okubalulekileyo, akukho monzakalo uxeliweyo kwaye siyayibulela into yokuba imisebenzi yeYunivesithi ingaqhubeka, ngaphandle komonakalo wamanzi kwiindawo.

Ukuqinisekisa ukhuseleko lwakho okuncedisa kwiinzame zokuphendula, abasebenzi nabafundi bayacelwa ukuba:

- Bakuphephe ukuya kwiindawo ekungekho mntu unokufikelela kuzo okanye apho kusaqhutywa umsebenzi wokucoca
- Baqaphele xa behambahamba ekhampasini, ingakumbi kwiindawo ezisezantsi okanye ezichatshazelwe ngamanzi
- Bangazami ukuhamba kwindawo ezigutyungelwe ngamanzi, nokuba uhamba ngeenyawo okanye ngemoto
- Balandela yonke imiyalelo ekhutshwe luKhuseleko lweKhampasi okanye abasebenzi basekuhlaleni

Abafundi abachaphazelekayo ekhampasini bayaxhaswa, kuquka namalungiselelo endawo yokuhlala eyenye apho kuyimfuneko. Zonke iindawo zokuhlala zeSU zisasebenza ngokupheleleyo. IYunivesithi ihlela inxibelelana nabafundi abakhwelayo abamakhaya abo anokuthi achatshazelwe, kwaye iSU iza kuxhasa

iiarhente zolawulo lweentlekele eStellenbosch ukuqinisa ezi nzame. Umsebenzi wokucoca nokubuyisela uyaqhubeka kwiindawo ezichaphazelekayo.

Uvavanyo lwamaziko achaphazelekayo luyaqhuba kwaye uhlaziyo lweenkonzo zethala leencwadi luza kwaziswa njengoko iimeko ziguquka. Okwangoku, abafundi bayakhuthazwa ukuba basebenzise enye yeendawo zokufunda ekhampasini.

Siyaqonda ukuba ezi meko zinokubangela ukuphazamiseka kunye nenkxalabo. Nceda uqiniseke ukuba iYunivesithi ibumbene ngokupheleleyo kwaye ilungelelanisa iinzame kuzo zonke iinkonzo ezifanelekileyo ukuxhasa uluntu lwethu lwekhampasi.

Singathanda ukubulela bonke abafundi nabasebenzi abaye bazixhamla namhlanje ukuze banikele ngenkxaso apho kuyimfuneko. Kuyakhuthaza ukubona indlela iMaties zixhasana ngayo ngamaxesha obunzima nangumngeni.

Sicela abaphathi babasebenzi bamkele izicelo ezifanelekileyo ezisuka kubasebenzi abachatshazelwa zizantyalantyala zemvula ukuba basebenze bekude ngomso, apho kuyimfuneko kwaye kunokwenzeka ngokusebenzayo. Inkqubo yezemfundo iya kuqhubeka njengoko kucwangciswe ngomhla wama20 kuTshazimpuzi kwaye abahlohli baceliwe ukuba bashicilele iintetho zabo zezifundo zobuqu apho kunokwenzeka kwabo bafundi bangakwaziyo ukuya eklasini.

Enkosi ngentsebenziswano nokuvisisa kwakho.

**UGqr Ronel Retief**
**URejistra neNqununu neSekela Ngqonyela eBambeleyo**